basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**IMEMORANDAM**

**2017**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha ali-9.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Nendlu eyakhiwe ngokugqibeleleyo ngebhongo kodwa umniniyo athi noko igqibelele abe efuna ukuyilungisa.√ (1)

1.1.2. Sesokuyinika ubuhle.√ (1)

1.1.3. A√/A walatha ukuba into ibonakala ngathi inganjalo.√/ walatha ukuba into ibonakala ngathi inganjalo.√ (1)

1.1.4 Ingcinga *yo*kuba inkalo kalwazi ayigqibeki.√√ (2)

1.1.5 Ubom ukuba ndiphinde ndifunde enye into ngoku.√

[Nasiphi na isivakalisi esichanekileyo] (1)

1.1.6 Kwilizwi lomntu.√ (1)

1.1.7 Unyamezelo√/inkuthalo√/inkathalo√/ukuzimisela okugqibeleleyo.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

1.1.8 Akuncedi ukuthi, kuba ubona ubani efundele into ethile, uze uthi nawe uza kwenjenjalo, ungakhange ube ubuqhutywe nto kuba uza kuphelelwa esithubeni.√√ (2)

1.1.9 Kukuzixelela ukuba uza kuzincama√/ ukuncama izinto azixabisileyo abekade ezenza√/ukunyaniseka esiqwini sakhe√/ ukungadlali ngexesha lakhe nelabanye abantu√/azinikezele wonke.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.10 Luluvo kuba akukho bungqina buphathekayo boku koko umbhali uvakalisa uluvo lwakhe.√√ (2)

1.1.11 ngesithatha√esimfimfithekayo.√ (2)

1.1.12 Obokuba nangona zikhanyisa kakhulu kodwa zinobungozi bokuphandla emehlweni.√√ (2)

1.1.13. Intsingiselo yokuba asingabo bonke ootitshala abayekisa abantwana isikolo.√ (1)

1.1.14 Lolokuba ngabongikazi noogqirha ababulala abantu ngabom. √ (1)

1.1.15 Kungokuba ayekholelwa ukuba ijika iguqule izimilo zabantwana kangangokuba abafundileyo babekhanyela abazali kunye namakhaya abaphuma kuwo.√√ (2)

1.1.16 Ngumhlathi wesibini.√ (1)

**[24]**

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Yimbiza√/Licephe√/Imela.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

1.2.2 Bonwabile √/kuba bobabini bancumile.√ (2)

1.2.3 Uvule iimpumlo umlomo uwuvalile.√ (1)

1.2.4 Ngokuba eli khondo linamathuba amaninzi okunyusa uqoqosho lwelizwe√/Ngokuba wonke umntu uza kuba nosapho ekufuneka ukuba alutyise ngokufanelekileyo√/Ngokuba kungalondoloza imali yokuqesha abantu bokupheka ekhaya.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | Abantu abakwimisebenzi ezizigxina, abaziyo ukuba abanakukhutshwa kuyo ngaphandle kokuba bazonele bona ngokwabo bamelwe kukulondoloza imali kwezi ndawo ziyisikela ixesha imali ezinjengee*Building Society,* ii*Insurance,* | 1. | Abakwimisebenzi esisigxina imali bangayigcina kwiindawo ezisika ixesha ukuze ibe nenzala. |
| 2. | Abantu abakwimisebenzi esengaphelayo, nezingxungxu bamele ukulondoloza imali ePosini, eBhankini, nakwezinye iindawo ezingasiki xesha, ezithi zingabuzi ukuba kutheni na lento ungahlawulanga kwinyanga efileyo. | 2. | Abakwizingxungxo bangayigcina imali kwiindawo ezingenamiqathango yokuvalela inyanga nenyanga. |
| 3. | Enye indlela yoqoqosho yephathelele kwiXesha, eli wathi umLungu ukuthetha ngalo, "Ixesha yimali". Siyazi sonke ukuba ixesha esilityesheleyo namhlanje asalisebenzisa alisayi kuze libuye, limkile nje limkile. | 3. | Ukulondoloza ixesha konga imali. |
| 4. | Kulungile ukwenza umsebenzi wasekhaya phambi kokuba uye kwisixelengo somhla nezolo, nokubuyela kwakuwo ukuphuma kwakho ekuxelengeni. | 4. | Kukongela imali ukuzenzela umsebenzi wekhaya phambi kokuphangela mihla le endaweni yokuqesha abasebenzi. |
| 5. | Kule mihla yeebhasi neemoto kukwalungile ukuhlawula itikiti uye kufika kwangoko ekhaya usebenze imisebenzi yakho lingekatshoni ilanga kunokonga imali ubethe ngezikaTshiwo ufike ekhaya sel'ungenakusebenza. | 5. | Kuyalondoloza ukuhlawula itikiti lebhasi kunokubandeza imali uhambe ngenyawo ufike udiniwe ude uyiqeshele imisebenzi yekhaya. |
| 6. | Impilo yenye yezinto ezimelwe kukulondolozwa, kuba ukwaphuka kwayo kukulahleka kwazo zonke iindlela zoqoqosho. Kungoko umLungu athi, "Ukuthintela isifo kubhetele kunokusinyanga". | 6. | Ukulondolozwa kwempilo kuqoqosha imali kuba kuthintela izifo ebeziya kunyangwa ngemali eninzi. |
| 7. | Asiloqoqosho ukupheka ukutya okungaphaya kwabantu bekhaya, okuya kuthi kusale kube sekuphoswa ezihagwini okanye ezinkukwini ezinako okwazo ukutya. | 7. | Kuyalondoloza ukupheka ukutya okwanele inani lamalungu osapho kunokulahla okushiyekileyo. |

[Naziphi iingongoma ezisixhenxe kwezi.]

**[145 amagama]** **[67 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 Ziitshipsi √ nesiselo.√ (2)

3.2 Kubantu abalambe ngoku√/ kubantu abafuna ukonga imali√/kubantu abaseluhambeni abangenaxesha lakupheka√/kubantu abafuna ukutenda abanye kwiivenkile zokutya√/kubantu abathanda ukutya okukhawulezileyo√/kwiikumkani.√ (1)

3.3 KwaBC's kulapho siphekela khona iikumkani.√ (1)

3.4 B√/B ebandakanyekile kobu bukumkani√/ebandakanyekile kobu bukumkani.√ (1)

3.5 Ikhombo yebhega.√ (1)

3.6 Akulunganga kuba konakalisa impilo yomntu.√√

Okanye

Kulungile kuba konga ixesha lokupheka.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.7 Sinempembelelo yokwenza ungxamo kubathengi√√/Siqweqwedisa abathengi ukuba bayokuthenga. √√ (2)

**[10]**

**UMBUZO 4**

4.1 Ngumntwana nomama wakhe√/ngunyana nonina.√ (1)

4.2 Umenze ubuso bakhe bajijeka√/waneke izandla eme ngendlela ebonisa ukubamba umzimba.√ (1)

4.3 Ngokuba kwesokuqala uthwele izandla entloko kanti kwesesibini ude wachopha eqinisekisa ngokuphatha nangezandla.√√ (2)

4.4 Mntwana√ wam.√ (2)

4.5 vuxa.√ (1)

4.6 B√/B yokwenza ukuba uSqu athathe icala likanina ngokweengcinga√/ yokwenza ukuba uSqu athathe icala likanina ngokweengcinga.√ (1)

4.7 Akathethi nto inye kuba uSqu le ayinxibileyo inde kuba eyitebhisile, abe umama ecinga ukuba yibhulukhwe ende le ayinxibileyo uSqu.√√ (2)
**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 5.1.1 Ingcambu.√ (1)

5.1.2 Kungokuba uTurfloop ligama lendawo.√ (1)

5.1.3 (a) Ndikhulise- uhlobo lokuqhubeka. √
(b) Ndiphile- uhlobo lolandelelwano. √ (2)

5.1.4 Utata wakhe wathi ku√Bosaletsi eso√ sigqibo sakhe√ noko ngathi sasibuthuntu.√ (4)

5.1.5 Ubeke indlebe.√√ (2)

5.1.6 Sibonisa ukuba isenzo senziwa ngumntu ekuthethwa ngaye.√√ (2)

5.1.7 Sisibaluli.√ (1)

5.1.8 Bobabini abazange baye edyunivesithi √/Umama notata abazange baye edyunivesithi.√ (1)

5.2 5.2.1 Idolo likaZola ligruzukile.√ (1)

5.2.2 Cocani√abantwana√/benu.√

[Nasiphina isibini kwezi] (2)

5.2.3 Musa ukuhlala usempilweni.√ (1)

5.2.4 Umama uwe ngedolo wacelela unyana wakhe impilo kuMdali.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**